Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

EXAMINATIONS AND ASSESSMENT CHIEF DIRECTORATE
Home of Examinations and Assessment, Zone 6, Zwelitsha, 5600
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA, Website: www.ecdoe.gov.za

2020 NSC CHIEF MARKER'S REPORT

SUBJECT:	**ISIXHOSA HL**
PAPER:	**3**
DURATION OF PAPER:	**2,5 hours**

SECTION 1: (General overview of Learner Performance in the question paper as a whole)

• Iphepha gabalala belincomeka libhaleka kubafundi abaninzi. Belingekho lula lingekho nzima. Iphepha lizame kangangoko ukuba lilungiselele abafundi bazo zonke iimvelaphi. Amazinga okuqonda nawo aye athathelwa ingqalelo.
• Abafundi babonise ulwazi oluphangaleleyo kwizincoko ezibuziweyo kwaye kulapho abafundi baziqokelelele khona amanqaku avisayo.
• Uninzi lwabafundi lufumene amanqaku akekelele ngasekunene baze bafumana amanqaku asemagqabini okanye akwinqanaba lokugqwesa. Ubukhulu becala bafumene amanqaku angaphaya komyinge wama 50 eepesenti. Okumangalisayo kukuhla kwamanqaku abafundi kwicandelo lesi-2. Abafundi babonise ukuthwaxeka kweli candelo.
• Amanqanaba okuphumelela kwabafundi ahamba ngolu hlobo
Inqanaba lesi-7 ngama-21 eepesenti
Inqanaba lesi-6, ngama - 44 eepesenti
Inqanaba lesi-5, ngama-26 eepesenti
Inqanaba lesi-4, sisi-6 seepesenti.
Ukusuka kwinqanaba lesi-3 ukuhla, yipesenti engaphantsi nakwisinye.
• Abafundi abaye bafumana amanqaku asezantsi ngababhidwe kukutolika umbuzo abanye babo bakhuphela imibuzo njengoko injalo. Ikhona nembinana engakwaziyo ukubhala isiXhosa babhale ulwimi olungenantsingiselo.

SECTION 2:

Comment on candidates' performance in <u>individual questions</u>

(It is expected that a comment will be provided for each question on a separate sheet).

QUESTION 1
(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?
UMBUZO 1.1 Kwathi kanti zilungile ezo ngcebiso zakhe. ➢ Umbuzo uye wathandwa ngabafundi abaninzi kwaye baye baphumelele ukubhala izimvo ezanelisayo. Ezinye izincoko ziye zaswela unamathelwano nothungelwano. Abanye abafundi baye babhala iingcebiso ezivela kubantu abaliqela babe baphosile ngolo hlobo kuba umbuzo ube ufuna kubhalwe ngeengcebiso zomntu omnye. Owona mxholo uchanekileyo walo mbuzo ibikukuveza ukuba umbhali uye wafikelwa kukuqonda ukulunga kweengcebiso zomcebisi. Abanye bebewushiya ujinga umbuzo kuba baye basilele ukubonakalisa ukulunga kweengcebiso okanye iziphumo zokungazimameli iingcebiso ozinikwa ngumntu.Uninzi lwabo lufumene amanqaku angama-70 eepesenti nangaphezulu kulo mbuzo. **1.2 Ilungelo lihamba noxanduva**. ➢ Umxholo obe ulindelwe apha kukucacisa gca ukuhambisana kwelungelo noxanduva. Esi sincoko bekugqabaza ukusibona kodwa othe wasiphendula ebekwazi ukudibanisa ilungelo noxanduva. Abanye ke bebebhala uludwe lwamalungelo kunye noxanduva oluhamba nelungelo elo. Uninzi lwabo kucace ukuba isihloko sibalahla kwesikaBhadakazi kuba abalwazanga kwa -uxanduva olo, nto leyo edulise ukuba akwaziwa nto ngabafundi bethu ngomgaqo siseko weli lizwe. Uninzi lwabafundi olukhethe lo mbuzo luye lwafumana amanqaku aphakathi kwenqanaba lesi-4 ukuya kwelesi-6. **1.3 Umbane uluncedo nangona ukwayingozi**. ➢ Esi sincoko besifuna umfundi avelele amacala amabini ngokulinganayo ezimvo ngokomxholo sesinye sezincoko esiye sathandwa ngabaviwa.. ➢ Ama-48% abafundi asibhalileyo aye asiphumelela ngenqanaba lesi-7 ukuze ama-50 % asiphumelela ngenqanaba eliphakathi kwesi-5 ukuya kwisi-6 ngelixa intsalela iye yagqwidiza. ➢ Uninzi lwabafundi kwesi sincoko lithethe ngokusetyenziswa kombane okuqhelekileyo ngokwasemakhaya nasezikolweni lwaze lwasilela ukuveza ubungozi bombane kwezoshishino noqoqosho lweli lizwe ngokubanzi. ➢ Ngokwakwesi sincoko abafundi bethu basilele ukuvuthwa kwabo ngokweemeko ezidla umzi ingakumbi ukunxulumanisa ubungozi bombane noqoqosho oluthi lube ngunozala wamathuba emisebenzi.

1.4 Intaka yakha ngoboya benye.

- Lo mbuzo uliqhalo uye waphendulwa ngabafundi abambalwa. Abanye babo bakwazile ukuwuphendula benika intsingiselo yentsusa yombuzo.
- Umyinge wabathe bawuphendula uphuhlisa umba wokungaziwa kwamaqhalo nkqu nezafobe ngabafundi. Noxa isisixa esivisayo sabafundi abangagqwesanga ngokwamalinge abo kulo mbuzo kuhle ukuvakalisa ukuba iqhalo eli litolikwe ngomyinge owanelisayo ukuya emagqabini.

1.5 **Igalelo lezolimo kuqoqosho lwelizwe.**

- Noxa nje kube yimvab'ezel'ingqaka kwabanye, lithe laba mbalwa inani labafundi abaye bakhetha lo mbuzo.
- Bembalwa benjalo uninzi lwabo luye lwaphumelela ngomyinge wenqanaba lesi-7 kuba liwutolike ngendlela efanelekileyo umbuzo.
- Uninzi lwabafundi abakhethe lo mbuzo bakwazile ukuwutolika ngendlela eyiyo kananjalo bahle bacaca ukuba bathetha ngento abayibonayo kubomi bemihla ngemihla basemakhaya nakwisizwe ngokubanzi.

1.6 **Khanisijonge ngo-2030 silolu lutsha**.

- Bambalwa kakhulu abafundi abakhethe lo mbuzo.
- Bembalwa benjalo, ngowona mbuzo othe wankqenkqeza ngokugqwesa kuba ama-66% abafundi abaphendule wona baphumelele ngenqanaba lesi-7 ukuze ama-33 % aqaqambe ngenqanaba lesi-6.
- Uninzi lwabafundi lukwazile ukuzoba imeko yolutsha ngoku ukanti bayicacise gca imeko ekunokuba yiyo ngonyaka wama-2030.
- Izimvo zabafundi zibe zigxile kwimiba ebanzi equka isimilo, ulwagcibe lweziyobisi, urhulumente, amathuba emisebenzi, uqoqosho, ushishino, umhlaba, ezenzululwazi nonyango lwezifo nkqu nenguqu kubuxhakaxhaka beteknoloji.
- Bambi abafundi bade baya kunyathela kumhlaba ochukumisa iintliziyo ngokusikrobisa kudaba lokuxhatshazwa nokunukunezwa kwamabhinqa kunye neentsana kweli lizwe

1.7 **IZIHLOKO EZINGEMIFANEKISO**

- Izincoko ezingemifanekiso azithandwa ngabalingwa kodwa kunjalo umfanekiso ubukumbuzo 1.7.1 uye waphendulwa ngokugqwesileyo ngabafundi. Bambalwa kakhulu abalingwa abaye bakhetha umbuzo 1.7.2.
- Bathe bachana ucwethe ngotolo xa kujongwa indlela ababhale ngayo betolika izihloko zabo ngokubhekisele kwimifanekiso abayinikiweyo.

ULUVO GABALALA NGENDLELA ABAQHUBE NGAYO ABAFUNDI KWICANDELO B LOLU
VIWO KUMBUZO NGAMNYE
2.1 ILETA YOBUHLOBO
• Uninzi lwabafundi belukhetha lo mbuzo kwaye ubukhulu becala luqhube kakuhle. • Ikho imbinana engakwazanga ukunika impendulo esemagqabini ngenxa yokusilela ekuphuhliseni iimfuno zomxholo. • Abambalwa kubo basuke bawutolika ngendlela engeyiyo umbuzo basuke babhalela umhlobo endaweni yomzali. • Kubonakele inani elivisayo nelixhalabisayo labafundi nelithe laba nedilesi, isibuliso, umxholo nesiphelo esinobubhutyubhutyu kulo mbuzo.
2.2 **INGXOXO YABABINI**
• Ngumthamo ovisayo wabafundi abaye bakhetha lo mbuzo ubukhulu becala abangaqhubanga kakuhle. • Eyona mpazamo ibixhaphakile kukusuka abafundi babhale incoko okanye udliwanondlebe endaweni yengxoxo elindeleke kulo mbuzo. • Esona sabhokhwe sibachane kanobom kulo mbuzo ibe kukungaziwa kwentsingiselo yegama **UKUZILOLONGA** nto leyo idale batsho ecaleni ngokomxholo.
2.3 **INGXELO**
• Uninzi lwabafundi luchasele lwaxela ithamsanqa kulo mbuzo ukanti nabo bawuzamileyo babhidwe yifomathi. • Ezo mpazamo zidale unikezelo ngomsebenzi ongaxolisiyo babe ke bayasilela ekugqwesweni nakwimpendulo esemagqabini.
2.4 **IRIVYU**
• Bambalwa kakhulu abafundi abaphendule lo mbuzo bebonakalisa ukulambatha ngeempawu ezilindelekileyo zolu didi lomhlathi. • Kwabo bathe bawulinga kube yintlungu ukuqaphela ukuba akuzange kufikelelwe kuwo luninzi lwezikolo zeli phondo.

2.5 **UDLIWANONDLEBE**
• Lo mbuzo uye walandela umbuzo 2.1 ngokukhethwa ngabafundi kwaye uninzi belunikezela ngempendulo egqwesileyo ukuya kwesemagqabini. • Libe lincinci inani labafundi abaphose ifomathi kulo mbuzo naxa nje bebehleli emxholweni.
2.6 **ISIVI NELETA EKHAPHAYO**
• Bambalwa abafundi abathe bakhetha lo mbuzo. • Ubukhulu becala bekubakho iimpazamo kwisivi kungenjalo kwileta ekhaphayo – nto leyo edale kungabikho mpendulo yanelisayo kulo mbuzo noxa nje ibe inomyalelo ocacileyo kwisibhengezo sesithuba esi besifuna umntu. • Ilinge labafundi kulo mbuzo libonise ukungabi nalwazi luphangaleleyo ngolu didi lomhlathi nto leyo edala unxunguphalo nanjengoko abanye babo beza kusinga kwelengqesho.

(b) Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.
QAPHELISISA • Ukungabikho kothungelelwano nonamathelwano kubabethile kwakho abafundi. • Iimpazamo zolwimi nazo zibe zixhaphakile kwiimpendulo zabafundi. Imizekelo yeempazamo zezi: upelo, ulwimi olungasulukanga, ulwakhiwo lwezivakalisi, izivumelanisi. **Umbuzo 1.1 Kwathi kanti zilungile iingcebiso zakhe**. • Eyona nto ibabethileyo ibe kukuba iingcebiso azivelanga kumntu omnye. • Kwabaninzi akuvelanga ukulunga kwezi ngcebiso njengoko umbuzo ubufuna benze njalo. **1.2 Ilungelo lihamba noxanduva** Abafundi abakwazanga ukubonakalisa uxanduva lelungelo okanye abazi kwantsingiselo yegama “uxanduva”. Abanye abawazi amalungelo lo nto iye yabachana ekukhuliseni izincoko **zabo.** **1.3 Umbane uluncedo nangona uyingozi** * Kwesi sincoko esivelela amacala amabini baye bohluleka ukuwavelela omabini ngokulinganayo la macala ombane. Impazamo eye yagqama kukuphuma emxholweni. Akubonakali kukho ukukhula kwengxoxo basebenzisa uphindaphindo umzekelo xa bethetha ngokutshowukhwa ngumbane baye bakubonakalise kumntwana, kumntu omdala nasemisebenzini ngokufutshane imihlathi

emithathu ithethe ngento enye.

Umbuzo 1.4 Intaka yakha ngoboya benye

Abanye abafundi bayiphosile intsingiselo yentaka eyakha ngoboya benye. Baye bacinga ngokuba okuhlele omnye umntu kungahlela nomnye. Balitoke njengesithethantonye sentetho elithi inkungu ilala kwiintaba ngeentaba.

Umbuzo 1.5 Igalelo lezolimo kuqoqosho lwelizwe.

Kukho abaphendule buthathaka lo mbuzo ngokusuka umfundi akhuphele gwenxa isihloko sombuzo aze ke atsho ngomxholo obhidisayo:

Umz: Endaweni yesihloko 1.5 esithi,"Igalelo **lezolimo** kuqoqosho lwelizwe", yena abhale, "Igalelo **lezimilo** kuqoqosho lwelizwe."

UMBUZO 1.6 Khanisijonge ngo-2030 silolu lutsha

Imbinana iye yasikrobisa kancinci ngolu lutsha batsho bazinyibela amanqaku ngokwenza njalo.

Umbuzo 1.7 IZIHLOKO EZINGEMIFANEKISO

Bawuphendule kakubi umbuzo osekelwe emfanekisweni ngokusuke athi umfundi sele esakhile isihloko emva kokuqwalasela umfanekiso awunikiweyo avele aye kuthetha ngento enganxulumananga nje konke neso sihloko sakhe.

SIJONGE KWICANDELO B, SIQAPHELA UKUBA:

Abafundi abaqhubanga kakuhle kuba-

2.1 Ileta yobuhlobo

* Baqale ngokoyiswa yifomathi yolu hlobo lombuzo
* Bambi babhalele abahlobo babo endaweni yomzali.
* Bayohlulwa kukukhankanya indlela/iindlela abaxhaswe ngayo/ngazo ngumzali nengundoqo womxholo wale leta.
* Kuvela umcimbi weleta ingathi yeyasesikweni.

2.2 Ingxoxo yababini

* Abafundi abaqhubanga kakuhle kuba kulo mbuzo bayancokola okanye benze udliwanondlebe endaweni yokuxoxa.
* Bayasilela ukubonisa ingxoxo ikhula kumhlathi wabo
* Bambi abakhange bazi kwa intsingiselo yegama **UKUZILOLONGA** bazibone bazike kulo mbuzo.
* Abafundi babenengxaki yokwenza ingxoxo kunye nootitshala babo njengoko bebabona njengabantu ababahloniphayo okanye abasoloko besizisa ulwazi baphele ngoku sele bebuza imibuzo.

* Nabo banofifi ngengxoxo impendulo yabo iye yasilela ukubonakalisa ukukhula kwengxoxo.
* Kubekho inani elivisayo eliye lanengxoxo echitheka ngaphandle kokuqukumbela.
* Sele beyenza ingxoxo izithethi azinikwa magama nekuyinto nesakhono ebemele sele sifinciwe kweli banga.

2.3 Ingxelo

***** Uninzi lwabafundi luchasele lwaxela ithamsanqa kulo mbuzo ukanti nabo bawuzamileyo babhidwe yifomathi. Umzekelo endaweni yengxelo basuke benza intetho
* Ezo mpazamo zidale unikezelo ngeempendulo ezingaxolisiyo babe ke bayasilela kugqweso kungenjalo ukunikezela ngeempendulo ezisemagqabini.

2.4 Irivyu

* Bambalwa abafundi abakhethe lo mbuzo nothe awaphendulwa ngempumelelo
* Kushwankathelwe incwadi ekungatshiwo nokuba ngubani umbhali wayo.
* Iingongoma ezingundoqo kulo mbuzo azibhalwanga.
* Ngokufutshane abafundi babonakalise ukungazazi iimpawu zolu didi lo mhlathi

2.5 **Udliwanondlebe**

*Imbinana iqhube kakubi kulo mbuzo ngenxa yokubhidanisa ifomathi yolu hlobo lombuzo kunye naleyo yengxoxo. Umz. Abanye baye badale incoko endaweni yodliwanondlebe.

2.6 **Isivi neleta ekhaphayo**

* Aziveli iinkcukacha ezingesithuba somsebenzi
* Kukho impazamo yokubhala ngesicelo sokuqhuba
* Kubhalwa isivi ize yona ileta ingabikho
* Abalisebenzisi igama lomntu abayalelwe ukuba babe nguye xa bebhala.

(c) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning
➢ Lufuneka ngamandla ucweyo kweli phepha. ➢ Kuyadingeka ukuba abafundi bakhunjuzwe ukuba umfundi ufumana amanqaku kweli phepha ngobhalo olusemxholweni nolunonamathelwano ➢ Abafundi mabakhuthazwe babhale inombolo yombuzo ngendlela enonjolwe ngayo. ➢ Bakhona abafundi abasabhala iidrafti endaweni yokwenza ucwangciso ➢ Abafundi mabaqeqeshwe ukuqinisekisa ngomthamo wempendulo ngokuthi balibale inani lamagama abawasebenzisileyo. ➢ Abafundi mabanikwe iirubrikhi zokuvavanya izincoko nemihlathi khona ukuze bazi indlela amanqaku abiwa ngayo. ➢ Abafundi bafanelwe luqeqesho ngendlela yokubhala uyilo, intshayelelo nesiphelo njengomsebenzi waseklasini. ➢ Utitshala makamakishe okanye abafundi bamakishane bekhokelwe ngutitshala kulo msebenzi ungentla. ➢ Abafundi mabafundiswe ukuhlela umsebenzi wabo injongo ikukucutha inani leempazamo zopelo. ➢ Isikolo, iklasta nesithili masiququzelele ukwenza iinquleqhu ezinjengokhuphisano lolwimi lwesiXhosa kuba ngokwenza njalo abafundi bayaloleka kulwimi. ➢ Zisafuneka iincwadi ezigxile kwizakhono nobungcali bokufundiswa kweli phepha. ➢ Abafundi mabaqeqeshelwe ukukhupha umxholo embuzweni xa bekuqeqesho lokubhalwa kwezincoko nemihlathi. ➢ Emva kokukorekishwa xa bebebhalile, abafundi mabanikwe ithuba lokubhala izilungiso. ➢ Iziphene zabafundi mazixoxwe zixukushwe eklasini phambi kobhalo lwezilungiso kuba xa kubhalwe nje encwadini bayaziphinda. ➢ Ootitshala mabakhuthaze ukufundwa kweencwadi namaphephandaba eklasini kuba ngokwenza njalo kukhulisa ulwazi lolwimi.
➢ Eli phepha lifuna umfundi ozilolongayo kulwimi lwesiXhosa ingakumbi ngexesha leemviwo kuba ngeli xesha zininzi izifundo ezibhalwayo abanokuya nje bayokubhala ngentloko yokuthamba.
➢ Okunokucetyiswa kukuba abafundi mabaqheliswe ukubhala izincoko kunye nemihlathi oko kunokwenziwa ngokudibanisa izifundo zamanye amaphepha nolu bhalo.

(d) Chaza naziphi ezinye iimbono/iingqwalasela ezinxulumene neendlela abaphendule ngazo abafundi ezinokuncedisa ootitshala, abacebisi bezemfundo, uphuhliso lootitshala njalo njalo.
➢ Ulwimi luseyingxaki -iincwadi zeenkcazelo zamagama zisadingeka
➢ Abafundi banengxaki yamaqhalo. Ootitshala mabayile amaqhinga okubethelela olu lwazi njengokubamba ukhuphiswano ngamaqhalo lawo. ➢ Kusenjalo ingaliqhinga elihle ukuba usuku lwesifundo luqale rhoqo ngokuba kubekho umfundi oza neqhalo elitsha alifundileyo alitsho ukuze iklasi ilisebenzise kwizivakalisi. ➢ Kubonakala ingengomaqhalo kuphela ayingxaki koko nezafobe ngokubanzi. Makwenziwe iqhinga ngale nto ukukhulisa ulwazi lolwimi kubafundi besi sifundo. ➢ Kungabanceda abafundi ukuba bangaqheliswa imihlathi ngokuthi bayenze eklasini ,imizekelo -ingxoxo,udliwanondlebe njalo njalo. ➢ Abafundi enyakeni mabafundiswe ukubhala uviwo lwephepha lonke hayi iziqwengana zephepha. ➢ Makubekho iinkqubo ezenziwayo ukuqinisekisa abantwana babhala befunde konke okuyisilabhasi yonyaka. ➢ Ootitshala ebebeqashwe njengabaMakishi (Markers) mabanike ingxelo kwiingingqi zabo, baveze izinto ezibethe abafundi kolu vavanyo ngeenjongo zokuxhobisa abanye ootitshala. Oku makwenziwe nasezikolweni kuye wonke utitshala wolwimi kweso sikolo. ➢ Ootitshala mabathi gqolo ukuncothula neengcambu ukusetyenziswa kwezinye iilwimi ezinjenge siZulu nezinye eziyelelelleneyo kuzanywe iindlela kukhuthazwe ukuthethwa nokubhalwa kolwimi lwesiXhosa olusulungekileyo. ➢ Kubhalo lokuziqhelisa abafundi mabanikwe umsebenzi wobhalo lwezincoko/ imihlathi rhoqo ngeempela-veki oko kuhambe nerubriki nto leyo eza kwenza baqiniseke ngomgangatho womsebenzi wabo.
➢ Ootitshala mabaqinisekise ukuba nesifundo sesiXhosa siyabelwa kwizifundo ezongezelelweyo zeempelaveki/zeeholide/LAIS nkqu neLast Push.

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2020

AMANQAKU: 100

IXESHA: Iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

* X H O H L 3 *

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

   ICANDELO A: Isincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi: (2 x 25) (50)

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340-390.

UMBUZO 1

1.1 Kwathi kanti zilungile ezo ngcebiso zakhe. **[50]**

1.2 Ilungelo lihamba noxanduva. **[50]**

1.3 Umbane uluncedo nangona ukwayingozi. **[50]**

1.4 Intaka yakha ngoboya benye. **[50]**

1.5 Igalelo lezolimo kuqoqosho lwelizwe. **[50]**

1.6 Khanisijonge ngo-2030 silolu lutsha! **[50]**

1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1

[Ucatshulwe kwi-intanethi-www.googlesearch.com] **[50]**

1.7.2

[Ucatshulwe kwi-intanethi-www.googlesearch.com] **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umzali wakho umbulele ngenkxaso akunike yona kwizifundo zakho kulo nyaka. **[25]**

2.2 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi kwakho notitshala wakho ngokubaluleka kokuzilolonga. **[25]**

2.3 **INGXELO**

Bhala ingxelo ngomnyhadala wokhuphiswano lwengxoxo-mpikiswano ebeninayo nalapho nibuye nendebe. **[25]**

2.4 **IRIVYU**

Bhala irivyu yenoveli oyithandayo. **[25]**

2.5 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe oluphakathi kwakho kunye nemvumi eyindumasi. **[25]**

2.6 **ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

UThemba Mlenze unomdla kwesi sithuba sibhengezwe ngezantsi. Bhala isivi yakhe neleta eyikhaphayo ngenjongo yokufumana lo msebenzi.

ISITHUBA SOKUBA LIGOSA LENDLELA

Uxanduva lwalo msebenzi kukuqinisekisa ukuba:

1. Izithuthi zisemgangathweni wokuba sendleleni.
2. Abaqhubi baqhuba ngamaphepha okuqhuba asemthethweni.
3. Abaqhubi bathwele inani elivumelekileyo labakhweli.
4. Isantya esivumelekileyo sokuqhuba.

IZIQINISEKISO ZEMFUNDO

*Ibanga leshumi elinambini nesetifikethi/idiploma yobugosa bendlela.
*Isiqinisekiso sokuqhuba.

AMAVA

*Ukukwazi ukuthetha nokusebenzisana nabantu.
*Ubuchule bokusebenzisa iteknoloji.
*Kulindeleke umntu onamava eminyaka emithathu kulo msebenzi.

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2020

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 100

Approved by:
P.P. MAQHUDE
EXTERNAL MODERATOR

Approved
X.N. NJABA
Internal Moderator
16/12/2020

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-12.

16/12/2020

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

IINKCUKACHA EZIYA KUBAMAKISHI

Ekuhloleni umsebenzi wabaviwa, le miba ilandelayo, eminye yayo icatshulwe kwirubrikhi yokuhlola, mayithathelwe ingqalelo:

- Makubekho ubungqina bokucwangcisa, bokuyila, bokuhlaziya, bokuhlela nobokulungisa iziphene kumsebenzi aza kuwunikezela.
- Makayazi injongo, abantu ajolise kubo nomxholo – kwakunye nerejista, isimbo sokubhala nethoni.
- Ukusetyenziwa kolwimi, upelo neempawu zobhalo.
- Izakhi zolwimi zibandakanya ulwazi olunzulu ngolwimi.
- Ukhetho magama nokusetyenziswa kwezafobe.
- Ukubunjwa kwezivakalisi.
- Ukubhalwa kwemihlathi.
- Ukutolikwa kwesihloko esiza kuvezwa kumxholo ngokupheleleyo: intshayelelo, ukukhuliswa kwezimvo nesiphelo.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

XN PP NWS

IINGCEBISO NGENDLELA YOKUMAKISHA

ICANDELO A: ISINCOKO

Jonga kwiCANDELO A: Irubrikhi yokuhlola isincoko efumaneka kwiphepha le-10 nele-11 lesi sikhokelo sokumakisha.

IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO	
IMIQATHANGO	**AMANQAKU**
UMXHOLO NOCWANGCISO	30
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	15
ISAKHIWO	5
AMANQAKU EWONKE	50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Jonga kwiCANDELO B: Irubrikhi yokuhlola imihlathi efumaneka kwiphepha le-12 lesi sikhokelo sokumakisha.

IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO	
IMIQATHANGO	**AMANQAKU**
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI	15
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	10
AMANQAKU EWONKE	25

1. Funda umhlathi wonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO, UCWANGCISO neFOMATHI.

2. Funda umhlathi kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.

QAPHELA:

- Iifomathi ezahlukeneyo zemihlathi/ezifundisiweyo ziyasetyenziswa. Oku kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo xa kuhlolwa ifomathi.
- Nika amanqaku ngefomathi echanekileyo.
- Jonga uthungelwano lwezimvo kuko konke okubhaliweyo.

QAPHELA:

- **Iingongoma ezinikwe ngezantsi kwesihloko ngasinye kwesi sikhokelo sokumakisha zisetyenziswa <u>kuphela</u> njengesikhokelo kubamakishi.**
- **Makwamkelwe indlela echanekileyo, umviwa ngamnye asitolike ngayo isihloko, nokuba iyohluka kwiingongoma ezinikiweyo, okanye kwiimbono okanye iindlela asitolika ngayo ummakishi.**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

(N) NWS

ICANDELO A: IZINCOKO

Kulindeleke ukuba umviwa abhale isincoko esiNYE esinomthamo wamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha) ngesiNYE sezihloko ezinikiweyo. Umviwa angabhala nangaluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esixoxayo, esivelela amacala amabini, esicamngcayo, okanye naziphi na ezidityanisiweyo kwezi.

UMBUZO 1

1.1 **Kwathi kanti zilungile ezo ngcebiso zakhe.**

- Umviwa kulindeleke ukuba anike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko esilungelelanisiweyo nesinothungelwano okanye unamathelwano.
- Umviwa makaziveze iingcebiso ekuthe kanti zilungile.
- Umviwa angabhala ibali lemini enye/lobomi bomntu ongazange azithathe kwangoko iingcebiso zomntu othile.
- Singavelela ukujongela phantsi iingcebiso zomntu/ukoyamanisa umntu neengcebiso zakhe/ukulunga nokungalungi kokukhetha okanye ukuhluzwa kakhulu kweengcebiso/uluchwe phakathi kwabantwana nabazali/abantu abadala.
- Sibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga nezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Sisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

1.2 **Ilungelo lihamba noxanduva.**

- Umviwa kulindeleke ukuba anike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko esilungelelanisiweyo nesinothungelwano okanye unamathelwano.
- Umviwa angabhala ibali lemini enye/lobomi bomntu ongazange aqaphele ukuhambelana kwelungelo noxanduva.
- Singavelela ukujongela phantsi amaziko akhusela amalungelo abantu/ ukusetyenziswa gwenxa kwamalungelo/ukungathatheli ngqalelo uxanduva oluhamba namalungelo.
- Sibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Sisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

XN PP NWS

1.3 **Umbane uluncedo nangona ukwayingozi.**

- Umviwa kulindeleke ukuba anike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko esilungelelanisiweyo nesinothungelwano okanye unamathelwano.
- Umviwa makaveze icala elihle nelibi lombane.
- Umviwa angabhala ibali lemini enye/lobomi bomntu owancedwa okanye owonzakaliswa ngumbane.
- Singavelela uncedo lombane kwiimeko ngeemeko/iziphumo zokuwusebenzisa gwenxa umbane/ubungozi bombane ngokwasemalini/ ukutsalwa kombane okungekho mthethweni.
- Sibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga nezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Sisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

1.4 **Intaka yakha ngoboya benye.**

- Umviwa kulindeleke ukuba anike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko esilungelelanisiweyo nesinothungelwano okanye unamathelwano.
- Umviwa angabhala ibali lemini enye/lobomi bomntu owancedwa ngomnye.
- Singavelela iimeko ngeemeko ezisemthethweni zokuncedana kwabantu.
- Sibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Sisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka) **[50]**

1.5 **Igalelo lezolimo kuqoqosho lwelizwe.**

- Umviwa kulindeleke ukuba anike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko esilungelelanisiweyo nesinothungelwano okanye unamathelwano.
- Singavelela iintlobo ngeentlobo zolimo/iimeko ngeemeko oluthi ulimo luncede ngazo kuqoqosho lwesizwe kuquka igalelo lamafama asakhasayo nasele ephumelele.
- Sibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Sisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka) **[50]**

1.6 **Khanisijonge ngo-2030 silolu lutsha!**

- Umviwa kulindeleke ukuba anike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko esilungelelanisiweyo nesinothungelwano okanye unamathelwano.
- Singavelela imibono abanayo ngeli lizwe/ngeziqu zabo/nezinto abafuna ukuzilungisa/iimpazamo zabo nezikarhulumente.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
PP NWS

- Sibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Sisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka) **[50]**

1.7 **Imifanekiso**

1.7.1
- Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.
- Umviwa makaqwalasele umfanekiso ngokupheleleyo.
- Umviwa kulindeleke ukuba anike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko esilungelelanisiweyo nesinothungelwano okanye unamathelwano.
- Singavelela imibono abanayo ngenkcubeko nenkolo kaNtu kweli lizwe/ iinkolo ngeenkolo/iimpazamo ezenziwa luluntu lusebenzisa inkolo/ ukungathembeki kweenkolo/amagqirha.
- Sibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Sisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nomfanekiso iyakwamkeleka) **[50]**

1.7.2
- Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.
- Umviwa makaqwalasele umfanekiso ngokupheleleyo
- Umviwa kulindeleke ukuba anike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko esilungelelanisiweyo nesinothungelwano okanye unamathelwano.
- Singavelela imibono abanayo ngolwakhiwo lweendlela/ubomi basezidolophini/ingxinano nogxalathelwano lwezithuthi/ugxalathelwano olusezingqondweni zabo okanye kwinjongo zabo zobom/iindlela nokuba zininzi zihamba zihambe zihlangane/ukungalingani ebomini/nokuba uhambe waya phi ikhona indlela ebuyayo.
- Sibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Sisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nomfanekiso iyakwamkeleka) **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A 50

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

IN PP NWS

ICANDELO B: IMIHLATHI

UMBUZO 2

Kulindeleke ukuba umviwa abhale imihlathi emiBINI kule ibuziweyo. Ubude beempendulo mabube li-100–120 amagama umxholo kuphela. Ulwimi, irejista, isimbo sokubhala nethoni mayifanelane nenjongo yobhalo.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

- Umviwa makagxile kumbulelo ojoliswe kumzali wakhe ngendima ayidlalileyo kwizifundo zakhe kulo nyaka.
- Ifomathi: idilesi yombhali enomhla, isibuliso, intshayelelo, isiqu nesiphelo esifanelekileyo, ifani yombhali ayifuneki nganto. Makuqatshelwe ukuba idilesi yesitalato neyeposi azisetyenziswa kunye ngaxesha nye, makubhalwe ibenye.
- Ulwimi olusesikweni noluhloniphayo.
- Ibhalwa ngohlobo lomhlathi.
- Ijelo lakhe lingangumntu wokuqala.
- Kusetyenziswa ixesha elidlulileyo nentetho ngqo ivumelekile xa kusetyenziswa amazwi akhe.

(Nayiphi na ifomathi yomhlathi echanekileyo yamkelekile) **[25]**

2.2 INGXOXO YABABINI

- Makanike umkhomba-ndlela wokuza kuthethwa ngako.
- Ingxoxo mayibe malunga nokubaluleka kokuzilolonga.
- Mayibe phakathi komviwa notitshala onegama.
- Ifomathi mayibe kukuphendulana ngomba othile hayi umbuzo neempendulo.
- Ingxoxo kufuneka ikhule, intetho elandelayo yakhelwa kwedlulileyo.
- Izithethi mazinikwe amagama kushiywe umgca phakathi kwezithethi.
- Amagama ezithethi abhalwa kwicala elisekhohlo ephepheni kubekwe ikholoni ze kulandele intetho yesithethi.
- Umviwa makayibhale njengoko isenzeka, amazwi ezithethi awabhale njengoko enjalo.
- Mayahlulwe intetho yesithethi kweyesinye ngokushiya umgca phakathi kwazo.
- Umviwa makasebenzise intetho ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Ingcaciso engenye mayifakwe ezigweqeni (ithoni/indlela athetha ngayo/ udaba lobuso/isimo sentlalo).
- Ithoni, irejista, ulwimi, isimbo sokubhala nesigama mazibe zezisesikweni.

(Nayiphi na ifomathi yomhlathi echanekileyo yamkelekile) **[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

2.3 INGXELO

- Umviwa makabhale ngefomathi echanekileyo.
- Makabonise ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.
- Umviwa makanike iinkcukacha ezichanekileyo ngomnyhadala lowo bawuphumeleleyo.
- Makabhale isihloko, intshayelelo nesiqu, isiphelo, izindululo, izalathisi, izihlomelo.
- Umviwa makathethe ngeengongoma ezinika abaphulaphuli ulwazi.
- Makasebenzise ulwimi olusesikweni ukuya kolungekho sikweni.
- Makabhale igama lombhali aze ayisayine.
- Umviwa makabhale umhla ebhalwe yasayinwa ngayo.

(Nayiphi na ifomathi yomhlathi echanekileyo yamkelekile) **[25]**

2.4 IRIVYU

- Umviwa makabhale ngefomathi yomhlathi ibe nesihloko sencwadi, umbhali wayo kwakunye nompapashi.
- Makabonise ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.
- Umxholo mawuquke ugxeko ncomo ngenoveli ayifundileyo/izigxeko zenziwe ngendlela enentlonipho, mayibonakalise abanye abantu abanokuyifunda incwadi ibancede.
- Mayikhankanye udidi loncwadi, abalinganiswa, isakhiwo, isimo sentlalo inganikezelanga ngovuthondaba ukuze abathengi babenesizathu sokuyithenga.
- Umxholo esekwe kuwo uyaluncedisa uluvo lombhali.
- Ibhalwa kwixesha langoku.
- Kusetyenziswa kakhulu izichazi, izihlomelo nethoni etyala umoya wokuncokola phakathi kombhali nombhalelwa wencoko.
- Igama lombhali owenza ugxekoncomo maluvele ekugqibeleni.

(Nayiphi na ifomathi yomhlathi echanekileyo yamkelekile) **[25]**

2.5 UDLIWANONDLEBE

- Udliwanondlebe malube malunga lokuba yimvumi.
- Malube phakathi komviwa nemvumi eyindumasi enegama ayikhethileyo.
- Ifomathi mayibe ngumbuzo olandelwa yimpendulo.
- Izithethi mazinikwe amagama kushiywe umgca phakathi kwezithethi.
- Amagama ezithethi abhalwa kwicala elisekhohlo ephepheni kubekwe ikholoni ze kulandele intetho yesithethi.
- Kwintshayelelo obuza imibuzo unika imvelaphi yomntu ambuzayo.
- Kwisiqu obuzayo ubuza imibuzo esemxholweni emalunga nemvumi eyindumasi.
- Iimpendulo mazicacise ngokwaneleyo zinike izimvo neengongoma ezifanelekileyo.
- Umntu obuzwayo uphendula imibuzo aze anike ulwazi olulindelekileyo.
- Kuvumelekile ukusebenzisa umntu wokuqala umz 'Ndi'.
- Ithoni, irejista, ulwimi, isimbo sokubhala nesigama mazibe zezisesikweni.

(Nayiphi na ifomathi yomhlathi echanekileyo yamkelekile) **[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
DBE/SC EXAMINATION

XN NWS

2.6 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO

Isivi:
- Iinkcukacha mazibe zezalowo ucela umsebenzi.
- Imbali ngobom bakhe equka ubudala, ukuhlala njalo njalo.
- Impumelelo ngokwasemfundweni.
- Amava anawo ngomsebenzi ahambelana nesithuba eso somsebenzi (xa enawo).
- Izinto azithandayo ezinokuncedisa kolu khetho.
- Abantu abanokunika ulwazi ngalowo ucela umsebenzi (abantu abanokungqina).

Ileta ekhapha isivi:
- Mayibhalwe ngefomathi nolwimi lweleta esesikweni.
- Umxholo mawube ngumyalezo omfutshane wokugqithisa isivi (njengenjongo/isizathu sokubhalwa kwayo, ukuzazisa, imfundo/amava ahambelana nesibhengezo, ukuwufanela lo msebenzi, ukuqukumbela, ukusayina).

(Nayiphi na ifomathi yomhlathi echanekileyo yamkelekile) **[25]**

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

XN PP NWS

ICANDELO A: IZINCOKO – AMANQAKU

- Sebenzisa le rubrikhi rhoqo xa umakisha izincoko (zephepha lesi-3, Icandelo A)
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlula-hlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- Imigangatho yomxholo, ulwimi nesimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlula-hlulwe kubini, kwakho amanqaku abelwe abo banezincoko ezikwinqwanqwa eliphakamileyo nezo zikwinqwanqwa elingezantsi kwinqanaba ngalinye.
- Isakhiwo asichatshazelwa kukwahlulwa ngokwenqwanqwa eliphezulu nelisezantsi.

Imiqathango		Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO NOCWANGCISO **(Impendulo nezimvo)** Uyondelelwaniso lwezimvo ngokucwangcisa Ukuqonda injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo **30 AMANQAKU**	**Inqwanqwa eliphakamileyo**	**28–30**	**22–24**	**16–18**	**10–12**	**4–6**
		-Impendulo igqwesile/ inomtsalane, ngaphezu koko bekulindelekile. -Izimvo eziqiqisisiweyo, ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo. -Impendulo elungelelaniswe kakuhle ngokugqwesileyo enothungelwano (enonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu, ukuqukumbela/nesiphelo.	-Impendulo ixongxwe ngobugcisa. -Izimvo zihambelana gingci nomxholo kwaye zinomdla zinobungqina bokuvuthwa. -Ilungelelaniswe kakuhle kakhulu kwaye iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela / nesiphelo.	-Impendulo iyanelisa. -Izimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokusemxholweni. -Ilungelelanisiwe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/ nesiphelo.	-Impendulo ayinaluthungelwano Lungqinelanayo. -Izimvo azicacanga kwaye ayizizo ezomfundi. -Buncinci ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano lweengcamango.	-Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela. -Izimvo ziyabhidisa kwaye azingqamananga kwaphela nomxholo. -Azicacanga kwaye ziphindaphindiwe. -Azilungelelaniswanga kwaye azithungelani.
	Inqwanqwa elingezantsi	**25–27**	**19–21**	**13–15**	**7–9**	**0–3**
		-Impendulo egqwesileyo kodwa ineendawana esilela kuzo ukuba neempawu ezinomtsalane ogqwesileyo wesincoko esinkqenkqeza phambili. -Izimvo ezivuthiweyo neziqiqisisiweyo. -Izimvo zilungelelaniswe ngobugcisa. zinothungelwano (zinonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo.	-Impendulo ixongxwe kakuhle. -Izimvo ziyahambelana zinomdla. -Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Impendulo eyanelisayo nangona kumana kubakho izikhewu kwingcaciso. -Izimvo ziyanamathelana ngokwanelisayo kwaye ziyaqinisekisa. -Kukho ulungelelwaniso olufumanekayo nothungelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Ubukhulu becala impendulo ayihambelani nomxholo. -Izimvo zibonakalisa ukungahlangani nokubhidisa. -Phantse bungabikho ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano.	-Akukho linge lokuphendula isihloko. -Ayihambelani kwaphela nomxholo kwaye ayifanelekanga. -Ayingqamananga nomxholo kwaphela kwaye inobubhutyu-bhutyu.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama esifanelene nenjongo/nesimo sentlalo. Uchongo magama, ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo, limpawu zokubhala, igrama, nopelo. **15 AMANQAKU**	Ingwanqwa eliphakamileyo	**14–15**	**11–12**	**8–9**	**5–6**	**0–3**
		-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyachukumisa ngokugqwesileyo. -Ithoni edlwengula umxhelo nenobuciko. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. -Sixongxwe ngobugcisa obukhulu.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala kunye nesigama ziqaqambe kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenzisiwe ngokufanelekileyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela. -Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo. -Sixongxwe kakuhle kakhulu.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo. -Ithoni ifanelekile. -Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka. -Ithoni nochongo magama azifanelekanga. -Isigama sinqongophele kakhulu.	-Ulwimi alunantsingiselo. -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani mpela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi ukuqonda okubhaliweyo.
	Ingwanqwa elingezantsi	**13**	**10**	**7**	**4**	
		-Ulwimi lugqwesile kwaye kusetyenziswe izixhobo zolwimi ezibonakalisa ubuciko ngokufanelekileyo. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. -Sixongxwe ngobugcisa.	-Ulwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becala luchanekile. -Ithoni iqaqambile kwaye ichanekile. -Zimbalwa iziphene zegrama nopelo. -Sixongxwe kakuhle.	-Ukusetyenziswa kolwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya. -Ubukhulu becala ithoni ifanelekile kodwa usetyenziso zixhobo zolwimi lunqongophele.	-Ukusetyenziswa kolwimi ngokungafanelekanga. -Kuncinci okanye akukho ukohluka – hlukana kwezivakalisi. -Isigama sinqongophele ngokugqithisileyo.	
ISAKHIWO limpawu zodidi lwesincoko, ukuphuhliswa kwemihlathi nokubunjwa kwezivakalisi. **5 AMANQAKU**		**5**	**4**	**3**	**2**	**0–1**
		-Isihloko sikhuliswe ngokugqwesileyo. -Iinkcukacha ezigqwesileyo. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo.	-Iinkcukacha zakhiwe ngokulandelelana nangokuqiqisisiweyo. -Ziyathungelana. -Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana, kwahluka-hlukene.	-Ukuphuhliswa kweenkcukacha ngokusemxholweni. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle. -Isincoko sisesemxholweni.	-Kukho amanqaku asemxholweni. -Izivakalisi nemihlathi zineemposiso. -Isincoko sisesemxholweni nangona zisekhona iziphene.	-Amanqaku asemxholweni awakho. -Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lunobubhutyu-bhutyu. -Isincoko siphume kwaphela emxholweni.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

ISIHLOMELELO B: IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI -Impendulo nezimvo. -Ulungelelwaniso lwezimvo. nokucwangcisa -Injongo, abantu ekujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo nesimo sentlalo. **15 AMANQAKU**	**13–15**	**10–12**	**7–9**	**4–6**	**0–3**
	-Impendulo igqwesile ngaphezu koko bekulindelekile. -Izimvo eziqiqisisiweyo nezivuthiweyo. -Ulwazi olunzulu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhaliweyo. -Ubhalo lusemxholweni ncakasana. -Ukuthungelana komxholo nezimvo. -Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile.	-Impendulo esemagqabini ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi. -Ubhalo lusemxholweni. -Ukuthungelana komxholo nezimvo, kucaciswe kakuhle kakhulu kwaye neenkcukacha zixhasa isihloko. -Ifomathi efanelekileyo eneziphene ezingephi.	-Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Ayikho mxholweni ngokupheleleyo. -Kukho ukuphambuka okungephi emxholweni. -Ubukhulu becala uyathungelana umxholo nezimvo. -Ezinye iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ubukhulu becala ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi.	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. -Kukho ukungqamana okungephi okusemxholweni kodwa kukho ukuphambuka kubhalo. -Akusoloko kukho uthungelwano phakathi komxholo nezimvo. -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Imigaqo eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga. -Imigaqo engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe.	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Intsingiselo ilahlekile kwaye akakho mxholweni kwaphela. -Ayithungelani kumxholo nezimvo. -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi.
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, injongo/ imeko, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo yalo. Uchongo magama. Iimpawu zokubhala nopelo. **10 AMANQAKU**	**9–10**	**7–8**	**5–6**	**3–4**	**0–2**
	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke ngokukodwa kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokuchanekileyo kwaye lwakhiwe ngokukuko. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwisimo sentlalo. -Ubukhulu becala ulwimi lusetyenziswe ngokukuko nangokuchanekileyo -Isigama sichaneke kakuhle. -Ubukhulu becala akukho ziphene.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Kukho iziphene ezimbalwa zolwimi. -kukho isigama esaneleyo. -Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo. -Intsingiselo ilahlekile.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Izele ziziphene yaye iyabhidisa. -Isigama asihambelani nenjongo. -Intsingiselo ichaphazeleke ngokukodwa.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2020 -12- 16
APPROVED MARKING GUIDELINE

XN NWS.PP